

*SAKH' IKAMVA – WE BUILDING A FUTURE.*

**SAKH' IKAMVA COMMUNITY DEVELOPMENT  
MGAQOSISEKO  
JULY 2015**



*ILUNGISELELWE ABAZALI BASEKHAYAMANDI ABASEBENZA  
NE GREATER STELLENBOSCH DEVELOPMENT TRUST (GSDT)  
NGU THUMAKELE GOSA*

---

**ICANDELO LEZIQULATHISO**

<b>SAKH' IKAMVA COMMUNITY DEVELOPMENT MGAQOSISEKO .....</b>	<b>3</b>
<b>1. IGAMA .....</b>	<b>3</b>
<b>2. IINJONGO .....</b>	<b>3</b>
<b>3. NGOKO MTHETHO .....</b>	<b>3</b>
<b>4. AMAPHULO AQINGQIWEYO .....</b>	<b>4</b>
<b>5. UBULUNGU .....</b>	<b>4</b>
<b>6. IKOMITI ELAWULAYO .....</b>	<b>5</b>
<b>7. ABAPHATHI OFISI YOLAWULO.....</b>	<b>5</b>
<b>8. UKUPHATHWA KWEMALI NONYAKA MALI .....</b>	<b>6</b>
<b>9. AMANDLA EKOMITI ELAWULAYO .....</b>	<b>6</b>
<b>10. UKUZIKHWEBULA .....</b>	<b>6</b>
<b>11. IMIQATHANGO YEENTLANGANISO .....</b>	<b>7</b>
<b>12. IINTLANGANISO NEENKQUBO ZAZO.....</b>	<b>7</b>
<b>13. IINTLANGANISO ZEKOMITI ELAWULAYO .....</b>	<b>8</b>
<b>14. IINTLANGANISO ZAMALUNGU WONKE .....</b>	<b>8</b>
<b>15. IKORAM YEENTLANGANISO .....</b>	<b>9</b>
<b>16. INKQUBO YOKWENZA IZIGQIBO.....</b>	<b>9</b>
<b>17. INDLELA YOKUSEBENZA .....</b>	<b>10</b>
<b>18. INGENISO KWANEMPAHLA .....</b>	<b>10</b>
<b>19. IMBUYEKEZO NOKUBUYISELWA .....</b>	<b>10</b>
<b>20. INDABA ZASEKHAYA .....</b>	<b>11</b>
<b>21. UKUSONJULULWA KWEMBAMBANO .....</b>	<b>11</b>
<b>22. UKUGXOTHWA .....</b>	<b>11</b>
<b>23. UKURHOXA .....</b>	<b>12</b>
<b>24. INKQUBO YEZIKHALAZO .....</b>	<b>12</b>
<b>25. IZIHLOMELO ZOMGAQOSISEKO .....</b>	<b>12</b>
<b>26. UBHANGISO LWEQUMRHU .....</b>	<b>13</b>
<b>27. ULWAMKELO LOMGAQOSISEKO .....</b>	<b>14</b>

## **SAKH' IKAMVA COMMUNITY DEVELOPMENT MGAQOSISEKO**

### **1. IGAMA**

- 1.1 Igama leliqumrhu liya kwaziwa ngokusesikweni njenge SAKH' IKAMVA COMMUNITY DEVELOPMENT, yaye apha iyobizwa njenge SCD okanye IKAMVA ukuphumeza iinjongo zophuhliso ezichongiweyo, namaphulo avunyiweyo axhasa imfundo, umbono odandalazisiweyo, nemigqaliselo yophuhliso.*
- 1.2 Izakumela iminqweno yeentsapho kwanabantwana abaziwayo abafumana inkxaso yokubanceda ukwenza iimfuno zemfundo ngobambiswano ne Greater Stellenbosch Development Trust (GSDT).*

### **2. IINJONGO**

- 1.2.1 Ukwakha amandla nobunkunkqele bolawulo zimali zokuphucula nokuxhasa iimfuno zemfundo zabantwana abaziwayo nabavunyiweyo abasuka kumakhaya asweleyo ekuhlaleni eKhayamandi.*
- 1.2.2 Ukuqinisekisa uphakanyiso lokwenza izinto ekuhlaleni nokwaba kakuhle inkxaso yabantwana yokwenza ngcono iminqweno yabantwana neentsapho ezaziwayo abazimeleyo eKhayamandi.*
- 1.2.3 Ukuqiniseka ngenkcitho nophatho lwemali oluluqilima nokuzuzwa kwentembeke yabaxhasi.*
- 1.2.4 Ukuqiniseka ngokukhula kwabazali kwanokucinga nokumilisela amaphulo ophuhliso amatsha.*
- 1.2.5 Ukuqiniseka ukuba imfundo yabantwana iphambili nonyusa ingxowa mali yamanye amaphulo amatsha.*
- 1.2.6 Ukusebenzisana ngobambiswano kunye nabahlobo abasemqoka abafana ne GSDT, ukuhlala, kwanabezoshishino kwakunye namaqela azindidi ngeendidi ahlangeneyo amele uluntu lonke.*
- 1.2.7 Ukuzibophelela ukuba liqumrhu elingethathi nxaxheba kwiinyewe zamaqela ezopolitiko nokuzimela geqe kumalungu alo kujoliswe kwimicimbi yophuhliso.*

### **3. NGOKO MTHETHO**

- 3.1 Lo mzamo woluntu uzaku bhaliswa ngoko mthetho njengombutho nequmrhu elingajonge kuzenzela nzuzo ozibandakanya kulo ngokuzithandela yaye lizaku zimela poqo ngaphandle kwamalungu walo ekomiti yolawulo kunye namalungu ngokubanzi.*
- 3.2 Ngaphezu kwento zonke, ukunika imbeko nokunyaniseka kwimiqathango yalo, nakwimithetho*

*yoMzantsi Afrika kwaneyeZizwe ngeZizwe.*

**3.3** *Ine lungelo lokuba nemali yokuthenga nobunini bezinto ezihambayo nempahla ezinzileyo ngokwayo.*

**3.4** *Ine lungelo lokunyusa ingxowa mali ukuzenzela imali ngakumbi, ukugcina izimali, ukuthenga izabelo kwakunye nokutyala izimali.*

**3.5** *Ukuchonga amagosa alawula nazokusayina ulawulo lwezimali njengoko sibona kumhlathi 8.5 – 8.7.*

**3.6** *Amagosa okusayina azo bandakanya unobhala, unondyabo kunye negosa eliphathiswe imicimbi.*

**3.7** *Kanti usihlalo unelungelo lokuphonononga bonke ubuculukubhede bezimalini nokufumana ingxelo.*

**3.8** *Ukuqiniseka ukuba eliqumrhu lingamangalelwa lidliwe isizumbulu okanye limangale lidle isizumbulu semali oko kungawa chaphazeli amalungu walo ekomiti.*

**3.9** *Kanti ke unyaka mali uzaku phela ekupheleni kweyoKwindla 31 (March 31) nyaka nonyaka yaye intlanganiso yokuphela konyaka iya kubanjwa ekupheleni kukaCanzibe (May 31) nyaka nonyaka.*

#### **4. AMAPHULO AQINGQIWEYO**

**4.1** *Ukunyusa ingxowamali ukuze kusungulwe amaphulo amatsha ngeenjongo zokwandisa amaphulo aqingqiweyo avunyiweyo kumaxesha ngamaxesha. Maxawambi ikomiti elawulayo izaku krweca, ixelele yaye okanye ifune imvume esuka kumalungu ngokubanzi.*

**4.2** *Ukuchonga nokuqalisa iinkqubo ezintsha ezithembisayo uphakamisa uphuhliso lwayo oluqingqiweyo.*

#### **5. UBULUNGU**

**5.1** *Ubulungu balo mzimba ongummeli wabazali abancediswayo wenziwa ngala malungu alandelayo:*

**5.1.1** *Abazali abancediswayo abazuza inkxaso mali yokufundiswa kwabantwana babo kubancedisi.*

**5.1.2** *Nawuphina umzali, ilungu okanye amaqela angamalungu athile, anomdla anako ukufaka isicelo yaye avunyelwe angene njengamalungu ngokuvunywa ngevoti luninzi lwabazali abangamalungu ancediswayo kwintlanganiso yokuphela konyaka.*

**5.1.3** *Amalungu ayakuzuzwa eKhayamandi ukanti namanye amaphulo amatsha angasungulwa nakwezinye iindawo ngaphaya kwemida yayo.*

**5.1.4** *Amalungu kucelwa ukuba ahlawule iR100 yokujoyina IKAMVA kube kanye engasoze ibuyiswe.*

**5.1.5** *Amalungu aza kucelwa ukuba ahlawule iR50 yobulungu nyaka nonyaka yona kufuneka ibonwe njengemali mbewu yotyalomali kula maphulo.*

## **6. KOMITI ELAWULAYO**

- 6.1** Amalungu omzimba ongummeli wabancediswayo uza konyula ikomiti elawulayo yamalungu amahlanu akwaziyo nathembekileyo athathe ulawulo lokuphatha Ikamva namalungu amathathu ongezelelweyo.
- 6.2** Ngaphandle konyaka wokuqala, apho amalungu amahlanu aza kusebenza unyaka ubemnye kuphela, amalungu ekomiti elawulayo aza kusebenza kangange minyaka emibini, kodwa ubani usengonyulwa kwakhona kangange minye iminyaka emibini.
- 6.3** Amalungu amahlanu aza konyulwa abeyikomiti yolawulo rhoqo kwintlanganiso yokuphela konyaka wesibini.
- 6.4** Ikomiti elawulayo iza kwakhiwa ngala magosa alandelayo anikwe uxanduva lokusebenza: uSihlalo Nosekela Sihlalo, uSosiba noSekela Sosiba, uNondyebo ukuba ukuqinisekisa ngophatho oluhle.
- 6.5** Amalungu angazelelweyo aza kubandakanya igosa ephathiswe imicimbi kunye namalungu amabini.
- 6.6** Iza kwenza ikhonkco yaye izaku sebenza kwanelungu lethrasti (trustee) eza kumela Ikamva kwi GSDT.

## **7. ABAPHATHI OFISI YOLAWULO**

- 7.1** Njengoko kubonisiwe ngasentla kwisoloty 6.4 ikomiti elawulayo kufuneka, kwalapha kumalungu wayo, ibe nesihlanu sabaphathi iofisi yolawulo abaquka usihlalo nesekela sihlalo, usosiba nesekela sosiba, nonondyebo ukuqinisekisa ulawulo olusulungekileyo, ulawulo, nophatho olungenasiphene.
- 7.2** USihlalo ulindeleke ukuba, yaye kufuneka ongamele iintlanganiso zeliqumrhu, Ikamva nezinto zayo.
- 7.3** USihlalo uza kuqinisekisa ubunkokheli, ubandakanyo lwabo bonke kuthabatho nxaxheba nokwenza izinto ekuhleni ngendlela ephendulekayo.
- 7.4** Nangaliphi na ilixa usihlalo engekho usekela sihlalo uza kwenza imisebenzi kasihlalo.
- 7.5** USosiba uza kugcina imizuzu yeentlanganiso ngendlela efanelekileyo nangocwangco, yaye okushicilelweyo kobekelwa ngendlela efanelekileyo.
- 7.6** USosiba uza kusoloko egcina amalungu ekomiti namalungu ngobanzi esazi ngezinto ezenzekayo.
- 7.7** UNondyebo uza kugcina kakuhle izishicilelo, uphatho olungenasiphene kwakunye nokusebenza kwemali kumaphulo avunyiweyo.
- 7.8** Abaphathi ofisi yekomiti baza kunxibelelana namalungu wonke ngokubanzi kwakunye nabaxhasi.

## **8. UKUPHATHWA KWEMALI NONYAKA MALI**

- 8.1.1** *Indlela yokuphathwa kwemali kuza kuqinisekwa imali igcinwa kakuhle ngokusulungekileyo ngokuyigcina kuvimba webhanki bona icandelo 9, kumasoloty 9.5 – 9.7 alapha ngezantsi.*
- 8.1.2** *Kanti ke unyakamali uphela ngenyanga yoKwindla 31 (March 31) njengokuba sele bonisiwe kwicandelo 3, kumasoloty 3.1 – 3.9 alapha ngasentla.*

## **9. AMANDLA EKOMITI ELAWULAYO**

- 9.1** *Amandla ekomiti elawulayo anikezwe usihlalo namalungu abaphathi ofisi ukuba aqinisekise ngenene ukuba wonke amalungu akhoyo anikwa ithuba elihle lokuvakalisa iimbono zabo ngokukhululekileyo kwanothabatho nxaxheba oluneziqhamo nokwenza izigqibo ezibandakanya bonke kwiintlanganiso.*
- 9.2** *Ukwenza imigudu yokuqinisekisa ukuphumeza izigqibo ngemvumelwano apho kunokwenzeka khona.*
- 9.3** *Ukuqinisekisa ukuba izigqibo ezenziwayo zisisiphumo zengxoxo ezicingisisiweyo, ukuba kungenzeka.*
- 9.4** *Amalungu ekomiti kufuneka asebenze kwizikhokelo zamandla ayo yaye afuna unyaniseko lwawo wonke amalungu kwizigqibo zayo.*
- 9.5** *Ukuqiniseka ukuba imali nkxaso yemfundo kunye nazo naziphina ezinye izimali ziphathwa kakuhle.*
- 9.6** *Ukuqinisekisa ukuba kukhethwa eyona bhanki efanelekileyo yokuba kuvulelwe Ikamva ibhanki.*
- 9.7** *Ukuphatha nokwaba izimali ezinikelwe inkxaso yokuhlangabezana neemfuno zemfundo zabantwana abaziwayo abancediswayo.*
- 9.8** *Ukumisela amaphulo amatsha (iiprojekithi ezintsha), ukwakha ubudlelwane obutsha nokuqinisekisa ngokuxhotyiswa kwamanina.*
- 9.9** *Ukuqiniseka ngokuxhumano kwanonxibelelwano olwenziwa ngokubamba iintlanganiso zamalungu wonke ngokubanzi kabini enyangeni.*
- 9.10** *Ikomiti elawulayo iza kuchonga iikomitana ezi zakujongana nemicimbi ethile xa kuyimfuneko.*
- 9.11** *Kuzo chongwa abaphicothi zincwadi abazimeleyo bajonge imali banike ingxelo ephicothiweyo.*
- 9.12** *Ukufumana imicimbi edluliselwe kuyo yikomiti okanye ngamalungu wonke zinike ingqwalasela.*

## **10. UKUZIKHWEBULA**

- 10.1** *Ilungu lekomiti elawulayo kuzo kufuneka liphume okanye lizikhwebule lingabikho konke lonke ixesha kuzobe kuxoxwa kweliqoqo nayiphina imicimbi eyaziwayo okanye eliyaziyo elichaphazela lona buqu, okanye izinto ekukwathatyathwa izigqibo ezinxulumene nalo ngokungqalekileyo.*

**10.2** *Isinyanzelo sokuzikhwebula kwelungu lekomiti kwingxoxo nase kuthatheni izigqibo eziphathelele kumdlu welungu okanye ke ebandakanya ilungu ngokungqalekileyo iyakuphononongwa ngesihle, ngophangalalo nangokusemdlani wabo bonke abachaphazelekayo kuquka nelungu eli lengqwalaselo.*

## **11. IMIQATHANGO YEENTLANGANISO**

**11.1.1** *Imiqathango yeentlanganiso inika isikhokelo sokuba kwenziwe njani nokuba kwenziwe ntonina ukuqiniseka ukuba iqumrhu libiza yaye libamba iintlanganiso zokwenza umsebenzi ngomzimba ongenamkhinkqi nangenjongo.*

**11.1.2** *Usihlalo okanye amalungu amabini ekomiti anamandla kwanamalungelo lokuba makabize iintlanganiso njengoko kubonisiwe kwicandelo 11, amasolotya 11.1.1 – 11.1.5 ngezantsi.*

**11.1.3** *Izaziso zokwazisa amanye amalungu ekomiti kufuneka zikhutshwe ngomhla, iingongoma zengxoxo kunye nendawo yokubamba iintlanganiso indululweyo zingaphelanga iintsuku ezingama 21 phambi kokuba ibanjwe.*

**11.1.4** *Ukuba kubonakala ukuba enye yeengongoma eziza kuxoxwa kukuchongwa kwelinye ilungu elitsha izaziso eziya kwamanye amalungu kufuneka ziphume zingaphelanga iintsuku ezingama 30 njengoko kubonisiwe kulo mgaqosiseko kwicandelo 12, solotya 12.1.8 apha ngezantsi kwintlanganiso yokuphela konyaka okanye xa kuphela ixesha leofisi.*

## **12. IINTLANGANISO NEENKQUBO ZAZO**

**12.1.1** *Usihlalo uza kongamela iintlanganiso zekomiti elawulayo yaye uya kuthi anike ubunkokheli.*

**12.1.2** *Xa ke usihlalo engazukubakho naye usekela sihlalo unelungelo lokongamela iintlanganiso.*

**12.1.3** *Xa ke usihlalo kunye nosekela sihlalo wakhe bengazukubakho ngoko ke amalungu ekomiti anelungelo lokonyula omnye wamalungu ukuba aqhubeke nentlanganiso.*

**12.1.4** *Ikoram eyimfuneko yeentlanganiso sele ikhankanyiwe yaye ibonakalisiwe kwicandelo 14, solotya 14.1.1 – 14.1.5 ukuqiniseka isihle ekuphononongeni nokulawulo olufanelekileyo.*

**12.1.5** *Ikomiti elawulayo ingachonga ikomitana enamalungu angekho ngaphantsi kwamathathu njengoko kubonisiwe kwicandelo 8, solotya 8.10 ukuze kuqinisekwe ukuba eminye imisebenzi yayo yenziwa ngokukhawulezileyo. Ikomitana ke ezinjalo kufuneka zinike ingxelo kwikomiti elawulayo malunga nenkqubela phambili ngemisebenzini yayo eyenzayo.*

**12.1.6** *Zonke iintlanganiso kufuneka zibe nemizuzu egcinwe kakuhle ayifumane amalungu xa ayifunayo.*

### **13. IINTLANGANISO ZEKOMITI ELAWULAYO EZIMISELWEYO**

- 13.1.1** *Ukuhamba iintlanganiso ezimiselweyo kwanentlanganiso zesikhawu luxanduva olusemqoka kumalungu wonke ekomiti nangokunjalo kumalungu wonke ngokubanzi xa isicelo esinjalo senziwe yikomiti yabaphathi ofisi.*
- 13.1.2** *Iintlanganiso ezimiselweyo zekomiti elawulayo ziyakubanjwa kubekanye ngenyanga emveni kokuba izinzile ekusebenzeni, kodwa kwezinyanga zokuqala zilishumi elinesibini ikomiti iza kuhlangu kabini enyangeni kulwesibini wesibini nowokugqibela enyangeni leyo ukuba yenze imisebenzi yayo ngokubambisana namalungu ongezelelweyo kunye nelungu lethrasti (trustee).*
- 13.1.3** *Ilungu ngalinye kufuneka lenze imigudu yenzeke efanelekileyo ukuba lizihambe iintlanganiso, yaye xa lingazukuphumelela ukwenza njalo, kufuneka linikeze isingxengxezo kusihlalo okanye kusosiba okanye nakweliphina ilungu lekomiti phambi kokuba iintlanganiso ihlale.*
- 13.1.4** *Xa ilungu liphoswe zintlanganiso ezintathu zilandelelana ngaphandle kwezingxengxezo zenene ezamkelekileyo, elo lungu liza kuthathwa njenge lungu elirhoxileyo ekomitini.*
- 13.1.5** *Kananjalo eli solotya linye 13.1.4 lizo sebenza ngokuphathelele ekuhanjweni kweentlanganiso zesikhawu kwaneentlanganiso zamalungu wonke ngokubanzi.*

### **14. IINTLANGANISO ZAMALUNGU WONKE**

- 14.1.1** *Iintlanganiso zamalungu wonke ziza kubizwa yikomiti elawulayo, usihlalo kunye nososiba baza kunxibelelana namalungu kanye ngekota banikeze ingxelo ngenkqubela yezinto ezenzekayo.*
- 14.1.2** *Wonke ke amalungu kulindelwe yaye kunyanzelekile aphumelele ezintlanganisweni, xa efunwa.*
- 14.1.3** *Wonke amalungu kulindelwe, athundezwa akwakhuthazwa ukuthabatha inxaxheba kuzo zonke iingxoxo ezintlanganisweni.*
- 14.1.4** *Amalungu akhuthazwa ukuba abhale phantsi bashicilele imizuzu yentlanganiso nezigqibo.*
- 14.1.5** *Iintlanganiso zobanjwa kane ngonyaka, iintlanganiso ezintathu zeekota neGSDT neyonyaka.*
- 14.1.6** *Amalungu aza kufumana ingcombolo nezaziso zezihlomelo ezo phambi kwentlanganiso yonyaka.*
- 14.1.7** *Ukunika ngengxelo ebhaliweyo yonyaka kumalungu wonke ngokubanzi, kubaxhasi kwanabanye abandakanyekayo.*
- 14.1.8** *Amalungu azigcina emahle ezincwadini aya kuba namalungelo okuvota namandla okonyula ikomiti entsha yabaphathi ofisi.*



## **15. IKORAM YEENTLANGANISO**

- 15.1** *Ikoram yentlanganiso yenziwa ngabaphathi ofisi abathathu kumalungu amahlanu.*
- 15.2** *Intlanganiso yomiswa ukuba ikomiti yolwulo ayiyenzi ikoram ukuze ibizwe kwakhona.*
- 15.2.1** *Xa intlanganiso iye yabiziwa kwakhona amalungu akhoyo azo qhubeka nentlanganiso.*
- 15.3** *Intlanganiso zamalungu wonke zifuna 25% wamalungu wonke abekhona ukuze iqhubekeke.*
- 15.4** *Xa intlanganiso yamalungu wonke ingakwazi ukwenza 25% yamalungu intlanganiso yomiswa.*
- 15.5** *Xa izaziso eziyimfuneko zikhutshiwe ukubiza intlanganiso kwakhona, amalungu akhoyo anelungelo lokuqhubeka nentlanganiso axoxwe imicimbi esesandleni efuna ingqwalasela.*

## **16. INKQUBO YOKWENZA IZIGQIBO**

- 16.1** *Ukwamkela nokuquka ingxoxo zentando yesininzi kwane mizamo yokuzenza ngokuvumelana.*
- 16.1.1** *Ukuqiniseka ukuba amalungu azuza ingcombolo eyaneleyo ukuze akwazi ukwenza izigqibo kakuhle yaye abene xesha elaneleyo lokuqononondisa imicimba ebalulekileyo efuna ukuba ingqwalasela yawo enyamekileyo nezigqibo.*
- 16.1.2** *La malungu mahlanu okuqala ekomiti elawulayo namalungu wonke ngokubanzi anelungelo lokuvota ezintlanganisweni (awekomiti yolawulo avota kwezekomiti nakwezamalungu wonke).*
- 16.1.3** *Xa kuyimfuneko amalungu wonke onikwa ibhalothi phepha avotele uvakalisa isigqibo sawo.*
- 16.1.4** *Malunga ne 51% yamalungu yokwenza isininzi sabo bakhoyo ekuthatheni isigqibo esinjalo.*
- 16.1.5** *Usihlalo unelungelo lokuba xa iivoti zilingana anike ilizwi eliyakwenza isigqibo esifanelekileyo.*
- 16.1.6** *Isininzi seevoti asisoloko sijonga imicimbi esemdleni ongcono wabo bonke abachaphazelekayo kulo nkqubo.*
- 16.1.7** *Ngenxa yoko usihlalo ke kufuneka alumke angaxhasi izigqibo ezinokuba nobungozi kwiqumrhu.*
- 16.1.8** *Xa iivoti zilingana, ukuba umcimbi ukwimeko ebuthathaka kungcono kumiswe ukwenziwa kwezigqibo ukuze kunikwe ithuba lokuthethana, ukugqugula bucala nokubonisana kuzanywa ukufikelela kwisivumelwano nomntu wonke.*
- 16.1.9** *Inkqubo yokwenza izigqibo kufuneka iqinisekise ukuba eyona njongo yeli qumrhu ifezekile.*

## **17. INDLELA YOKUSEBENZA**

- 17.1.1** Amalungu ekomiti elawulayo aza kubeka imilinganiselo yokulungelelanisa indlela yokusebenza kwayo ngokunxulumene nenjongo zokusekwa nokumiswa kwayo ezinokuphunyezwa ngexesha kumanqwanqwa exesha elamkelekileyo.
- 17.1.2** Ukubamba intlanganiso kanye kwinyanga ezintathu ukuphendla inkqubela kumsebenzi wayo.
- 17.1.3** Ukuhlangana namalungu angabameli be GSDT (trustees) kabini ngonyaka ngoCanzibe (MAY) nangeye Nkanga (NOVEMBER).
- 17.1.4** Ukugcina ushicilelo lwemizuzu yeentlanganiso zonke, iingxoxo nezigqibo zezinto eziza kwenziwa.
- 17.1.5** Ukuqiniseka ngokuchazwa kwenkqubela eyenziwayo ukuhlangabezana neenjongo zeli qumrhu.

## **18. INGENISO KWANEMPAHLA**

- 18.1.1** SAKH' IKAMVA liqumrhu elinelungelo lokuba libe nengeniso kwanempahla ngokusemthethweni.
- 18.1.2** Amalungu okanye abaphathi ofisi abanamalungelo abunini nokwabelana ngezinto zeli qumrhu.
- 18.1.3** Amalungu akuvumelekanga ukuba anikise ngayo nayiphina imali okanye impahla zalo kumalungu nabaphathi ofisi.
- 18.1.4** Kuphela kwexesha apho inokwenzeka kuxa iyintlawulo yomsebenzi owenziweyo lilungu okanye umphathi ofisi ngokugqibeleleyo usenzelwa eli qumrhu. Intlawulo kufuneka ibeyimali esisixa esilungele kwanefanele kanye umsebenzi lowo wenziweyo.

## **19. IMBUYEKEZO NOKUBUYISELWA**

- 19.1.1** Nakubeni amalungu ekomiti elawulayo engazukuhlawulwa ngokwenza umsebenzi wekomiti, zonke ezinye iindleko nenkcitho eyenziwe lilo naliphina ilungu lekomiti ngexesha beliphathiswe imicimbi yeliqumrhu lophuhliso linokubuyiselwa imali yalo zinkokheli zekomiti elawulayo.
- 19.1.2** Amalungu ekomiti akazukuhlawulwa ngokwenza imsebenzi yawo yokuqwalasela imicimbi ukuba ihamba kakuhle nangokufanelekileyo, naliphina ilungu lekomiti linokunikwa imbuyekezo yokwenza umsebenzi eliwufundeleyo nelinobuchule bokuwenza, xa liceliwe ngamalungu okanye ligunyaziswe yikomiti, ukuba imiqathango yembuyekezo nentlawulo ibigunyaziswe ngaphambili.
- 19.1.3** Ikomiti iya kuthembela kusihlalo wayo kunye nesigqeba sonke mayela nogunyaziso lwentlawulo.
- 19.1.4** Izigunyaziso ezinjalo ziya kwenziwa nangokuxhumana namanye amalungu ekomiti elawulayo.

## **20. INDABA ZEKHAYA**

- 20.1.1** *Wonke amalungu kufuneka athathe iingxoxo, ingcombolo ebuthathaka ethe yavezwa ngenjongo zokuxoxa kwiintlanganiso zekomiti nakwikomitana zayo, njenge mfihlelo, indaba zekhaya.*
- 20.1.2** *Amanyathelo omthetho ayakuthathelwa nabanina ochasene nodelela imithetho yemfihlelo.*

## **21. UKUSONJULULWA KWEMBAMBANO**

- 21.1.1** *Nakubeni ukwahlukana kwezimvo phakathi kwamalungu ekomiti ngelixa lengxoxo kulindeleke njengento emele ukwenzeka, yaye ukuba ziphethwe kakuhle ngentlonipho elinganayo, zinako yaye ziya wuqinisa umgangatho wokwenza izigqibo zekomiti elawulayo zokuphumeza ukhula.*
- 21.1.2** *Xa ke, nangexesha apho ukwahlukana ngokwezimvo kuphuncuka ezandleni kuye kubekho imbambano, iindlela zokusonjululwa kwembambano ziye zifuneke ukuze kuphathwe, yaye kufunyanwe iindlela ezintsha zokufumana izisombululo eziyakusoloko ziluncedo kuzo zonke.*
- 21.1.3** *Lowo ukhathazekileyo okanye unesingquku kulindeleke ukuba abike izizathu ezibhaliweyo echaza ukuba isizekabani sokungonwabi ukuze ke azifake kusihlalo wequmrhu zinikwe ingqwalasela zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amabini ananye (within 21 days).*
- 21.1.4** *Usihlalo kufuneka abize intlanganiso yesikhawu yekomiti elawulayo ukuba izo kuwuqwalaselisisa.*
- 21.1.5** *Ikomiti yethutyana ezimeleyo enamalungu amathathu iza kuchongwa kumalungu ngabaphathi.*
- 21.1.6** *Zonke iimbambano kufuneka ziqwalaselwe, zitolikwe yaye zisonjululwe ngaphakathi kweenjongo zequmrhu lophuhliso.*

## **22. UKUGXOTHWA**

- 22.1.1** *Wonke amalungu equmrhu kunyanzelekile ukuba alulamele imiqathango yomgaqosiseko.*
- 22.1.2** *Nasiphina isigqibo sogxotho siya kuthathwa njengenyathelo lokugqibela yaye unako ukubhena kwintlanganiso yokuphela konyaka.*
- 22.1.3** *Nayiphina indlela yokwaphulwa komgaqosiseko inga khokelela ekuthathweni kwamanyathelo oluleko.*
- 22.1.4** *Nayiphina indlela yokungaziphathi kakuhle enokungcolisa igama lequmrhu iza kukhokelela ekusabeliseni ngesihle okwenzekileyo.*
- 22.1.5** *Lungu ngalinye elichaphazelekayo kufuneka linikwe ithuba lokucacisa nokuzikhusela kwalo.*

- 22.1.6** *Ikomiti elawulayo iya kugqithisela imicimbi efuna amanyathelo oluleko kwikomitana yethutyana.*
- 22.1.7** *Ikomitana yethutyana iza kuwugwalasela ngenyameko umcimbi phambi kokuba ithathe izigqibo.*
- 22.1.8** *Izigqibo ezinjalo zinga quka ukungxoliswa, izilumkiso ezithathu kunye nokugxothwa.*
- 22.1.9** *Izilumkiso ezithathu zonikezwa nesigwebo esixhonyiweyo ngaphambi kokuba ubani agxothwe.*

### **23. UKURHOXA**

- 23.1.1** *Ilungu lekomiti elawulayo nelungu ngokubanzi linga ngenisa incwadi yalo yokurhoxa ekomitini.*
- 23.1.2** *Njengo mbutho wabazithandelayo iqumrhu alikwazi ukunyanzela abantu bahlale bengamalungu.*
- 23.1.3** *Naliphina ilungu lekomiti okanye ilungu lequmrhu ngokubanzi elifake incwadi yokurhoxa lizocelwa libuyise nayiphina impahla okanye izinto zequmrhu ezikulo.*
- 23.1.4** *Izigqibo zokurhoxa ziya kungeniswa, ziqwalaselwe yaye ziphonyezwe yikomiti elawulayo.*
- 23.1.5** *Ilungu lekomiti okanye ilungu ngokubanzi elirhoxayo liya kucelwa ukuba lize kwikomitana elawulayo lizo cacisa izizathu zokurhoxa kwalo ukuze kuqukunjelwe ukurhoxa kwalo.*
- 23.1.6** *Nasiphi isaziso sokurhoxa sofunyanwa ngokukhulu ukubindeka kweentliziyo nombulelo onzulu.*

### **24. INKQUBO YEZIKHALAZO**

- 24.1.1** *Xa kukho lungu lekomiti ebona ukuba indlela yokuziphatha yelinye ilungu okanye amalungu abonakalisa impathombi okanye intswela bulungisa kwelo lungu, ilungu elichaphazelekayo malizive likhululekile ukufaka isikhalazo, esiya kuqwalaselwa kulandelwa inkqubo yezikhalazo.*
- 24.1.2** *Inyoba yokuqala yokufumana isikhalazo selungu lekomiti okanye amalungu equmrhu ngokubanzi kufaka isikhalazo kusihlalo okanye kusosiba wequmrhu ukuba baziqwalasele kuzo thathwa amanyathelo.*
- 24.1.3** *Ikomitana yethutyana echazwe kula masoloty 8.10 – 8.11 kufuneka iqwalasele zonke izikhalazo.*
- 24.1.4** *Ikomitana yethutyana kufuneka yenze umsebenzi wayo ngobulungisa, ngokuzimeleyo geqe ngaphandle kokoyika nokuthatha icala.*
- 24.1.5** *Ikomiti yethutyana kuza kufuneka iphande umcimbi, ihlangane namaqela onke achaphazelekayo iqwalasele inike ingxelo ngezincwadi zamanyathelo anokuthathwa ukusombulula ingxaki leyo.*
- 24.1.6** *Kanti ukuba umntu okhathazekileyo akonwabanga nangoko, ibakala elilandelayo kukufaka isibheni nokukhalaza kwiqoqo elingentla yequmrhu, yintlanganiso yamalungu ngokubanzi*

*yokuphela konyaka.*

- 24.1.7** *Intlanganiso yamalungu wonke ngokubanzi yokuphela konyaka inelungelo namandla okuqwalasela izibheni, ukuxoxa nokwenza izigqibo zokugqibela.*
- 24.1.8** *Kananjalo ukuba iziphumo zentlanganiso yamalungu wonke ngokubanzi yokuphela iye yasilela ukulanceda ilungu elo linelungelo lokuya kucela uncedo lwenkundla zomthetho.*

## **25. IZIHLOMELO ZOMGAQOSISEKO**

- 25.1.1** *Amalungu ekomiti elawulayo maxawambi aza kuphakamisa ukuba kubekho izihlomelo zomgaqosiseko ekufuneka zixhaswe ngamalungu ngokubanzi akumyinge we 65% anamalungelo okuvota evumelana nezihlomelo ezinjalo.*
- 25.1.2** *Isindululo sokwenza izihlomelo zomgaqosiseko kufuneka kwisithuba senyanga ezintathu phambi kokuba kubekho intlanganiso yokuphela konyaka empela Canzibe (May) yaye zonke izindululo kufuneka zifunyenwe ekupheleni kweyo Mqungu (January) enyakeni.*
- 25.1.3** *Izihlomelo ezindululweyo kufuneka zixhaswe yi 65% okanye nangaphezulu ukuze zifumane ingqwalasela evuthiweyo.*
- 25.1.4** *Umbhali wesindululo kufuneka asityikitye (asisayine) ukuze acele namanye amalungu asayinele ukuvakalisa inkxaso yawo.*
- 25.1.5** *Asizukwamkeleka isindululo esingakwazanga ukuhlangabezana nala mabakala ayimfuneko andadalazisiweyo.*
- 25.1.6** *Zonke izihlomelo zomgaqosiseko ziya kufunyanwa ziqwalaselwe ngokwe hlelo leshumi elinanye (section 11) wenkqubo yokuthabatha izigqibo.*

## **26. UBHANGISO LWEQUMRHU**

- 26.1.1** *Ukuba ngaba kukho izizathu zokuba kuqwalaselwe ubhangiso lwequmrhu ezisiweyo, zaxoxwa, kwaze kwagunyaziswa ukuba malwenzeke, iqumrhu malithathe amanyathelo aqiqisisiweyo nezenzo ezamkelekileyo zokwaba iimpahla zalo ezihambayo kunye nezingahambiyo izinto zinikwe elinye iqumrhu elineenjongo ezifana nezalo ukuba lizisebenzise.*
- 26.1.2** *Amalungu akavumelekanga ukuba abelane nokuthi ahlulelane ngeempahla phakathi kwawo nokuthi izinto kufuneka kunikezelwe ngazo ngesivumelwano esihle okanye isigqibo esicacileyo sesininzi kwiqumrhu elineenjongo nemisebenzi ezifana nalo.*
- 26.1.3** *Kunyanzelekile ukuba iqumrhu liqinisekise ukuba iimpahla zalo ziza kufunyanwa liqumrhu*

*elisebenza kakuhle bona 22.1.2 yaye linamandla nobuganga bokwenza imisebenzi yophuhliso eyenza inguqukazi ebomini.*

**27. ULWAMKELO LOMGAQOSISEKO**

**27.1** *Igama lendawo apho umgaqosiseko wamkelwayo wa kananjalo wagunyaziswa ngamalungu wonke ka SAKH' IKAMVA COMMUNITY DEVELOPMENT eStellenbosch eKhayamandi eNtshona Kapa.*

**INDAWO :** ..... **IDOLOPHU:** .....

**USIHLALO :** ..... **UMHLA :** .....

**ISIGINITSHA KASIHLALO :** ..... **UMHLA :** .....

**USOSIBA :** ..... **UMHLA :** .....

**ISIGINITSHA KASOSIBA :** ..... **UMHLA :** .....